

ONGAQHELEKANGA



Masiqhubeke simile nje okomzuzwana. Nkosi ethandekayo, siza kubukho Bakho obuNgcwele kwakhona ngendlela yomthandazo; okokuqala, ukwenza umbulelo ngako konke othe Wasenzela kona, nangothando olukhulu entliziyweni yethu ngaWe nangeLizwi Lakho. Nkosi, aba bantu, ngobubusuku, endibathanda ngentliziyo yam yonke, bancamile baza kuhlala kwigumbi elishushu, nento yonke, ngokuba bayalithanda iLizwi Lakho.

² Kwaye siza kuthandazela abagulayo, ngobubusuku, Nkosi, nabasweleyo. Kwanga kungangabikho mntu otyhafileyo phakathi kwethu ekupheleni kwalenkonzu. Bavuze ngokunyaniseka kwabo, Nkosi. Thetha nathi ngeLizwi Lakho, kwaye usomeleze, Nkosi, njengoko sihamba, sithwele ingcikivo. Lingakanani iwonga lokwenza oku! Sikucela eGameni likaYesu. Amen. Ninghlala.

³ Andibanga nakufumana mazwi, kakade, okuvakalisa umbulelo wam kwiqela labantu abanje ngaba, abanokuza bahlale kwesi sakhiwo. Ndifuna ukuthi, okokuba, ngomso... Okanye, sizakuwelela ngaphaya eTopeka, eKansas, ukwenzela umhlangano olandelayo, kwaye oko kuyakuphela kwiCawa elandelayo. Size emva koko sihambe, ukusuka phaya, siye ePhiladelphia.

Kwaye, ngoku, sifanele siye phesheya kweelandle, ngaphaya eKenya, naseTanganyika, nase-Uganda, kuzo i—iintlanga khona phaya. Kwaye banoqhankqalazo oluncinci ngoku kunye namaMau Maus. Andikwazi kungena njengemishinari, kodwa ndiza kuzama ukungena njengomzingeli. Ndingene, kwaye bayalungiselela.

⁴ Ngokwesiqhelo, ndiyangena nje ngemishinari ndize ndiye kuzingela, ngeli xesha ndiya ngokokuya kuzingela, ndize ndibe yimishinari. Ke, phaya—phaya, nayiphi indlela yokungena kubo. Kwaye uMzalwana uMattsson-Boze usemsebenzini, ezama ukundingenisa, ukulungisa inqwelo yokuzingela yokuba ndingene ukuya kuzingela. Kulungile, ngoko, ndiyangena kule nqwelo yokuzingela, kwaye uzakuthi, “UMzalwana wethu uBranham ukhona.” Yihla uye kumzi wozakuzo, “Ingaba iyakuba yinto elungileyo ukuba sibe nomhlangano omncinci phandle apha?” Yabona? Oko kuyenza iqalise ngoko, ize iyenze iqhubekeke. Ke asazi nokuba iyakubanjalo, sizakukwazi ukwenza oko, okanye hayi. Siyazama. Kwaye ndiyicelile iNkosi, ukuba into ethile iyenzeke angenakwazi, ngoko iyakuba ngumqondiso kum wokuba ndifanele ukubuyela apha

eJeffersonville ndishumayele *Amaxilongo Asixhenxe*, kuJulayi okanye u-Agasti, malunga neloxesha.

⁵ Kwaye emva koko, ukuba senzile, siyabona namhlanje, sizakuzama ukufumana eligumbi lesikolo apha elinesipholisimoya, kuba kuyakuba mnandi kakhulu kwaye kupholile. Lihlalisa ishumi elinesihlanu-ukuya kwishumi elinesibhozo lamakhulu labantu. Kwaye linesipholisimoya, indawo entsha kraca, nje malunga nesihlanu sesikrwere ukuphakama koku. Kwaye ngaxesha lithile silicelile, kwaye bebesalela. Yaza indoda ebisalela ukuba silifumane yakhutshwa kwibhodi. Ke ngoku, indoda ephaya ngoku ithi singalifumana nangeliphi ixesha silifuna. Ke si—sivuya kakhulu ngokulifumana. Kwaye sisenokuba nakho ukufumana okuya ngoku, kwaye ngaxesha lithile kuJulayi, kwaye sibe. . . Bangaphi abaya kuthandaza, ukuba yintando yeNkosi ngoku, ukuba into ethile isiphoxile ngoku? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

⁶ Niyazi, ndiyayithanda i-Arizona. Lilizwe elihle. Ndasoloko ndinqwenela ukuba phaya.

Ukuba uyakuyityhalela phezulwana lanto kancinci, Mzalwana uBen, ukuba ungayenza, ukuba yi. . . Owu, okuya. . . Ewe, mhlekazi. Ewe. Okanye, nabani okuyo, angayinyusa nje kancinci, kuba ndiphuma kokuya ngenene. . . [Umntu othile uthi, “Iteyiphu, bazalwana.”—Mhl.] Uthini? [“Ezo ziiteyiphu nje.”] Owu, nje iiteyiphu. Owu, nantsi enye phezulu apha. Ndiyaxolisa. Kulungile, Mzalwana uBen. Ke ndi. . .

⁷ Ukubuyela emva ukusuka e-Arizona, ukungena apha, kundenza nje ndibe sisitshoto kancinci, ngenxa yokuguquka kwemozulu. Apha sina malunga namashumi asibhozo anesixhenxe ukuya kumashumi asithoba, kwaye ngamanye amaxesha ikhulu leepesenti, yolophu. Kwaye phaya ifikelela kwiqanda, kwaye emva koko ngamanye amaxesha kwiqondo elingumyinge, isinye samashumi amabini sepesenti enye yolophu. Uyakuhlala nje phantsi kwentente yomongo-moya. Uze emva koko uphume phantsi kwayo, uze apha, uyayazi yenza mahluko ungakanani kuwe. Ke iyakukhathaza elizwini lakho, nanjalo njalo.

Yitsalele kwindawo ibikuyo, ukuba uyakwenza njalo, Mzalwana uBen. Ndenze impazamo ekuyinyuseni. Bendicinga ibinjalo, kodwa phezulu *apha* kulapho bayinyuse khona.

⁸ Ngoku sithandazeleni, nonke kuni. Ndinixabisile nonke. UBilly ebendixelela ngomntu othile osizisele ingobozi yeepesika, kunye neziphos ezincinci enithe. . . Andinakho nje ukunibulela ngokwaneleyo. A—andazi mandiyenze njani. Kwaye ndi—ndiziva ndingafanelekanga kuthatha izinto ezinjengeziya kuni. Ndiyathandaza uThixo anisikelele, kwaye ndiyazi Uyakuyenza, kuba Uthe, “Njengoko nenzayo kwabancikane baba, nikwenze kuM.” Kwaye uThixo uyakunisikelela, ndiqinisekile.

⁹ Kwaye i-Arizona ekubeni ililizwe elilungileyo, kukho into enye endiyikhumbulayo, leyo, nini nonke. Injalo lonto. Ndiyanikhumbula nonke. A—andikhathali nokuba ndiyaphi, ndi—ndi... asiyiyo, ayinini. Ndinabahlobo, ndaweni zonke kwihlabathi jikelele, kodwa ayi—ayinini—ayinini nina nonke. Kukho into ethile malunga neli qela lincinci nje eli... Andazi. Ndinganga ngabo.

¹⁰ Kwaye eTucson, sisixeko sabakhenkethi, niyazi, kwaye amabandla ayatsala, niyazi. Yinto enzima. Awakho moyeni kangako; kwaye, kuba kukho ukhuphiswano, lomelele kakhulu; kwaye iyenza ibe nzima. Ukuba ndingaba nani nonke, nebandla, emva koko ndihlale phandle phaya, ndiyaqikelela iyakuba yelungileyo. Yabona? Kodwa ndiyacinga, susela oko lena ihlala ilibandla, kwaye nonke niseza, ndiyakuba ndiselapha, ade abuye uYesu.

¹¹ Ngoko ndithandazeleni, njengoko nditshilo ngethuba eligqithileyo. Andibhekiselelanga ekuyiphindeni, kodwa xa ndifika phambi kwenu, ndi—ndiba phakuphaku, kwaye ndiyakudakumba, ndize ndivakalelwe, futhi ndibenkenenkene, kananjalo. Ndiyilonto, into yokuqala, ke di... indenza ndixheleke ngaphakathi. Kodwa ekwazini ukuba naphina apho ndinokuya khona... andinalo i—iqela emhlabeni, endilaziyo, elima kunye nam njengeliqela. Wanga—wanga uThixo angasenza singahlukaniswa, ukuze, eBukumkanini obuzayo, sanga singaba phaya sonke; umthandazo wam.

¹² Ndihleli apha emnyango, ndithetha noBill Dauch nje umzuzu ogqithileyo phambi kokukhokelela ndibuyisele umntu othile kuKristu, kwakhona, kwelinye igumbi. Kodwa ndihleli phaya ndithetha naye, omashumi asithoba ananye eminyaka ubudala, wathi, “Ndi—ndibabuthathaka. Amehlo am awakho njengohlobo afanele abelulo.”

Kwaye ndiyacinga, kwiminyaka eliqela egqithileyo, ndeza kuye xa wayenokusilela okupheleleyo kwentliziyo nokuma kwentliziyo, esifa. Kwaye nkqu nogqirha owayemnyanga, owathi akanakuphila, ugqirha ufile. Kwaye nanku ehleli uBill Dauch, yabona, owamashumi asithoba ananye eminyaka ubudala. Ndathi, “Bill, akusekho msebenzi wakho emhlabeni ngokubhekiselele ekusebenzeni nezinto ezinjeya. Kodwa ndicela oku, ‘UThixo akunike amandla,’ ngokuba uyayithanda imihlangano kakhulu.” Lowa wamashumi asithoba ananye eminyaka ubudala umntu unqumla isizwe ngenqwelo, kushushu, komile, kubanda, akukho mahluco, nantoni ekuyiyo, ukuze ave iLizwi. UThixo awusikelele lamphefumlo ukhaliphileyo. Ngoku andina...

¹³ Ndinesingxengxezo esinye ngaphezulu, sokunigcina ngendlela endenze ngayo ngale ntsasa, kwiiyure ezintathu. Kwaye andenzanga bulungisa kumyalezo, ngokuba

ndiwunqunqile, ndaza ndashiya inxalenye yawo, ndaza ndatsiba inxalenye yawo, nanjalo njalo. Seso sizathu ndibaxeleleyo bazigcine iiteyiphu. Mandiyifumane kwakhona ndaweni ithile apho kupholileyo okanye into ethile. Kwaye ndi—ndi—ndinakho ukuva uMoya, kodwa ndijonge kuni kwaye ndisazi niyaphekuzelisa umoya kwaye ndisazi ukuba nishushu, kwaye—kwaye oko kuyandikrazula ndibe ziziqwenga. Andifuni nive ubunzima; ndi—ndifuna nihlale kamnandi. Yabona? Kwaye oko kuyandidinisa.

¹⁴ Njengokuba, ndibona abantu abagulayo; ukuba andinakho—ukuba andinakho ukuvelana nabo bantu bagulayo, andinakubenzela nto ilungileyo. Ndi—ndifanele ukuvelana nabo. Kwaye kwa indlela ekwanye ku—kunye nani; ndi—ndifanele ndinivele, okanye andinakuba ngumzalwana wenu. Yabona? Ndi—ndifanele ndivelane nani. Kwaye, ndiyakwenza oko; uThixo uyazi oko ukuba yinyani.

¹⁵ Kwaye ngoku, ngobubusuku, ndiyakubunikezela ekuthandazeleni abagulayo.

Kwaye ndifuna i . . . indoda, isikelele aba bantu, uMzalwana uCollins, noHickerson, Mzalwana uNeville, Mzalwana uCapps, amathenjwa, nabo bonke, ngeengxelo ezintle ebezisiza, zokuba indlela enilungise, ngalo ibandla, nendlela izinto eziba kwindawo yazo elungileyo. Ndinombulelo kuni madoda. INkosi inisikelele ngokuzama ukwenza umyalelo. Kwaye incwadi emva kwencwadi iyeza eTucson, kum, “Mzalwana uBranham, ayisekho ngendlela ebiqhele ukuba yiyo. Kwahluke kakhulu, okungako ukuziva sikelelekileyo ngoBukhona bukaThixo.” Kwaye ndi—ndinombulelo ngoko. INkosi iqhubeka inisikelela!

¹⁶ Ngoko, ngoku, ngobubusuku, bendifunda apha esiBhalweni indawo encinci, ku—ku mhlawumbi ukubeka amazwi ambalwa, ukuthetha nokufunda iSibhalo, kuze emva koko mhlawumbi iqela leZibhalo, emva koko ndithethe nani okwethutyana elincinci emva koko ndithandazele abagulayo. Hayi kodwa imizuzu embalwa; ndiqaphele iwotshi, kwaye ndizakuzama ukukhawulezisa nje kangangoko ndinakho. Kodwa ndiyacinga ukuba xa isihlwele sabantu sihlanganisene, ukungafundi iLizwi okanye ukungenzi nto ithile, amazwi enkuthazo, umhlangano awusayi kugqibelela.

¹⁷ Abaninzi benu bebelindle. Abaninzi benu baneemayile ekufanele bazihambe ngobubusuku. Indlela endiyincoma ngayo lonto! Indlela endijonga ngayo ndibone ngamnye, ndize ndicinge malunga . . . Phaya e-Arizona, ndiyacinga, “Xa ndimbona kwakhona, ndiyakuhla ndiye ngqo ndiyokuxhawula isandla sakhe ndize ndimange entanyeni.” Kwaye naku nihleli apha, kwaye ngubani, kuphi apho mna, niyazi? Andazi mandiqale ngowuphi, kwaye owuphi . . . indlela yokuphuma kuyo. Kodwa, ehe, ndiyanithanda. UThixo uyanithanda, naye.

18 Ngoku ndiyacinga, ukuba andiphazami, ukuba andinaso e— esingesiso iSibhalo sileli apha, ndifuna ukufunda okuphuma kumaKorinte Okuqala, isahluko soku-1, ukuqalela kumqolo we-18, kananjalo kumaKorinte Esibini 12:11, ukuthatha umxholo. Ngoku ukuba ndingafumana ezo ngokukhawuleza, emva koko siyakufunda, size emva koko sithandaze siqalise, nje ukuthetha kuni imizuzu embalwa kwisiqendwana esincinci. KumaKorinte Okuqala, isahluko soku-1, siqalise ngomqolo we-18.

Kuba ilizwi lomnqamlezo libubudenge okunene kwabatshabalalayo; kodwa kuthi kwabasindiswayo thina aba lingamandla kaThixo.

Kuba kubhaliwe kwathiwa, ndiyakubutshabalalisa ubulumko bezilumko, ingqondo yeengqondi ndiyitshitshise.

Siphi na ke isilumko? uphi na umbhali? uphi na ke umphiki welihlabathi? uThixo akabenzanga baba bubudenge na ubulumko beli hlabathi?

Ndingakucaphula oko kwakhona? “UThixo akabenzanga baba bubudenge na ubulumko beli hlabathi?” Yintoni ubulumko beli hlabathi ngoko? Ubudenge.

...uThixo akabenzanga baba bubudenge na ubulumko beli hlabathi?

Ekubeni ke kuthe ebulumkweni bukaThixo ihlabathi alamazi uThixo ngobulumko, kodwa kwakholeka kuThixo ukusindisa abo bathi bakholwa ngabo ubudenge bokushumayela.

Ndingawufunda la mqolo kwakhona? Phulaphulisisa.

Ekubeni ke kuthe ebulumkweni bukaThixo ihlabathi alamazi uThixo ngobulumko, kwakholeka kuThixo ukusindisa abo bakholwayo ngabo ubudenge bokushumayela.

Ekubeni ke amaYuda ecela umqondiso, ... amaGrike efuna ubulumko:

Kodwa thina sishumayela uKristu ebethelelwe, isikhubekiso ke eso kumaYuda, ...ubudenge kumaGrike;

Ke kwabo babiziweyo, umYuda kwanomGrike, uKristu ongamandla kaThixo, nobulumko bukaThixo.

Ngokuba into kaThixo ebubudenge ilumkile kunabantu; nento kaThixo engenamandla yomelele kunabantu.

19 Kwaye kumaKorinte Esibini isahluko se-12, umqolo we-11, uPawulos ethetha.

Sendisuke ndaba ngoswele ukuqonda ngokuqhayisa; ndinyanzelwe nini: kuba mna ndibe ndifanele

ukuyalezwa nini: kuba andisilelanga nganto koyena uyincamisa umpostile, nakuba ndingento yanto.

²⁰ Masithandazeni. Nkosi Yesu, yongeza kula mazwi ambalwa, ngobubusuku, athe athethwa kwimihla egqithileyo, ngomkhulu umpostile uPawulos, ukuze sibe nokuhluma ngokuweva ngobubusuku, ekuwasebenziseni ebomini bethu, ukuze sibe ngu—ngumsebenzi wesandla sikaThixo, owenziwe ngendlela athe Wasikhethela yona ukuba sibe kuyo. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

²¹ Ndizakushumayela ngobubusuku imizuzu embalwa, iNkosi ithandle, phezu kwesihloko: *Ongaqhelekanga*. Ngoku, sesingqabwala kakhulu, esikrwada isiqendwana esinokuthatha, kodwa siso, ndiyacinga, siyakuyivakalisa kude okanye sondeleyo kwinto endifuna ukuyivakalisa.

²² Niyazi, kukho izinto ezininzi, namhlanje, abathi abantu babe *ngabangaqhelekanga*, siyibiza njalo. Kwaye lo nkcazo, ukuba umntu othile zange ave ngayo, ithetha onga “qhelekanga,” umntu othile “ongaqhelekanga” komnye umfo. Kwaye akukho mathandabuzo koko abaninzi bethu abaqhelekanga, omnye komnye.

²³ Kwaye, ngoku, bendisihla ngestrato ngelinye ixesha eLos Angeles, eCalifornia, ndaza ndabona oyena ongaqhelekanga umntu, esenza ngokungaqhelekanga. Kwaye wayesihla ngestrato, engaphakamisanga xwebhu, kodwa nje wayehamba uhambo lwasemvakwemini. Ndaza ndaya kwelinye icala lestrato, ukuze ndibone eyona nto wayeyenza. Wonke umntu wayebheka, emhleka, ngenxa yokungaqheleki kwakhe.

Ndaqaphela wayenophawu lujinga kumphambili wakhe. Kwaye ndacinga ndiyakubona oko wonke umntu wayekuhleka, lo ungyedwa, ungaqhelekanga umntu. Kwaye ke yena wayenjalo... Ndamqaphela njengoko abantu babemjongile, babemhleka, kwaye—kwaye, kodwa wayekhangeleka enoncumo olwahlukileyo, uncumo lokwaneliseka. Olunye uncumo abantu ababemnika lona lwalulolokuhlekisa ngaye, kodwa wayekhangeleka enelisekile koko wayekwenza.

²⁴ Kulungile, oko kuko konke ekunokucingwa ngako, xa umntu enelisekile koko akwenzayo kulungile. Nangona eyakuba ngongaqhelekanga komnye, ukuba wanelisekile ukuba oko akwenzayo kulungile, ngoko myeke aqhubeke noko.

Kwaye njengoko ndandisondele kuloo ndoda mncinci, ndaqaphela... ukunqumleza isifuba sakhe apha, kuqweqwe okanye ibhodi, kwakubhalwe, “Ndisisidenge,” kwaye ngasezantsi, eno, “sikaKristu.” “Ndisisidenge,” ngamagama amakhulu; ukwehla ngasezantsi, ithi, “sikaKristu.” Kwaye wonke umntu wayehleka koku.

²⁵ Kwaye njengoko indoda encinci wayegqitha etyjudisa ukuhla esihlweleni sabanyevuli nokuqhubekeka, ndajika

ndajonga okwakungasemva kuye. Kwaye kwakukho uphawu lombuzo olukhulu kumqolo wakhe, emazantsi, uthi, “Ngoku wena usisidenge sikabani?”

²⁶ Kulungile, nda—ndacinga wayenento phaya, uyabona, kodwa wayekhangeleka enelisekile kukuba sisiyatha sikaKristu. Kwaye yilonto uPawulos wathi waba yiyo, “isidenge” sikaKristu.

²⁷ UMzalwana uTroy, weFull Gospel Bussiness Men, oyena ulungileyo umhlobo wam, ungu—ungumsiki nyama. Kwaye wafumana intsholongwane ethile esandleni sakhe, ekusikeni inyama yehagu ngelinye ixesha. Enye indoda eyaziyo, okanye umfazi, angayazi ukuba yayiyintoni loo ntsholongwane; kodwa i—iyakukutya. Ke, indlela ukuze asindise ubomi bakhe, kwafuneka ba—banqumle iminwe emithathu. Kwaye uneminwe emibini kuphela kwesinye isandla, kodwa noko usengunosilarha.

²⁸ Kwaye kwakukho umJamani omncinci owayesebenza naye esi—silarheni, ezantsi eLos Angeles, ke wa—wazama ukukhokelela lomDatshi mncinci kuKristu. Kwaye wathi wayengu “mLutere,” kwaye kwakulungile ngaye. Wayenelisekile ekubeni ngumKristu, ngokuba wayehamba kwicawa yobu “Lutere,” njengoko wayichazayo. Ke ngobunye ubusuku uMzalwana uTroy waba nenyhweba yokumenza aye enkonzweni.

²⁹ Igama lakhe yayinguHenry. Kwaye uHenry, kwisiJamani, ngu “Heinrich,” kwaye ke bambiza ngo “Heini.” Uyivile landlela yokubiza. Wathi, “Heini, kunganjani malunga nokuya enkonzweni nam ngobubusuku?”

³⁰ “Kulungile,” watsho, “Ndiyakholwa ndiyakuya.” Ke wehla waya kowohlobo lwakudala umhlangano apho babenomhlangano womthandazo, kwaye wangena ekuguqukeni kwenene, wanikezela ngentliziyo yakhe kuKristu.

Owu, ngosuku olulandelayo, lomDatshi mncinci wayezonwabele. Qho ngaxesha lithile ebeyakuhamba nje esakhiweni, izandla zakhe ziphakanyiselwe emoyeni, esithi, “Makabongwe uThixo! Enkosi kuWe, Nkosi Yesu!” kwaye watsala umdla kubo bonke, kubo bonke babo.

³¹ Uyabona, waba ngongaqhelekanga kwiqela lonke lwabasiki nyama. Kwaye ebeya kusika inyama, aze aqale ukucinga malunga neNkosi, kwaye aqalise ukulila. Ebeya kubeka imela phantsi, anyuke esihla ngemiqolo, engekho ndlongo-ndlongo, kodwa ekuthando noKristu, esithi, “Owu, indlela endiKuthanda ngayo, ‘Yesu!’” Uyazi, nje esiya phambili nasemva.

³² Waza umphathi weza wambona esenza oku, kwaye njengoko wayegqitha esihla, elila. Waza, umphathi, akazange amqaphele umphathi; wayecinga ngoYesu. Waza waqalisa ukuhla, enezandla zakhe phezulu emoyeni, neenyembezi zisihla

ngezidlele, esithi, “owu Thixo, indlela endikuthanda ngayo Wena!”

Waza umphathi wathi, “Heini, ingaba yintoni eyenzekileyo kuwe?” Wathi, “Wonke umntu e—endaweni yonke yokusebenza uthetha ngayo. Yintoni eyenzekileyo kuwe, Heini?”

³³ UmJamani omncinci wathi, “Owu, mphathi!” Wathi, “Uzuko kuThixo, ndifumene ukusindiswa!”

Wathi, “Ufumene ntoni?”

Wathi, “Ndifumene ukusindiswa!” Wathi, “Ndiye noMzalwana uTroy apha ezantsi kwimishini encinci, ndaza nda—ndafumana ukusindiswa. Kwaye uYesu uzile wangena entliziyweni yam, kwaye ndizele luthando!”

Wathi, “Kufanele ukuba uhle waya kwelagquba leemotyisi.”

³⁴ Wathi, “Ehe!” Wathi, “Uzuko kuThixo!” Wathi, “Makabulelwe uThixo ngeemotyisi!” Wathi, “Uyazi, uthatha inqwelo mafutha isihla ngendlela, uze ukhuphe zonke iimotyisi kuyo, akusali nanto kuphela sisikhaxa ‘sobugoxo!’”

³⁵ Kulungile, andazi yintoni kodwa umDatshi omncinci wayechanile. Khupha zonke iimotyisi? Iimotyisi zizo ezibamba zidibanise. Kwaye ndicinga koko okubamba ibandla lidibane ngamanye amaxesha, libambe impucuko idibane.

³⁶ Ngoku, ukuhla ndivela ekutyeleleni ePrescot, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, bendijonge entlango kwaye ndiqwalasele indlela okuya ePhoenix abaneJapanese Gardens, kwaye baneentyantyambo khona phaya, iintyantyambo ezintle. Apho, xa ndandiyinkwenkwe phandle phaya, ndakhokelela iinkomo kwezo ndawo. Iinkomo, bekungekho ngca, ke beziphila nje ngembotyi zekaktus nanjalo njalo.

³⁷ Ndaza emva koko ndaqaphela ukuba bekukho i—imveliso ephindiweyo kokusetyenziswe entlango. Kwaye entlango sifumana ukuba, ikaktus kunye neentyantyambo. Kwaye ekhaya phaya, okanye ikhaya esiliqeshileyo; uDade uLarson, ndicinga ebelapha ngale ntsasa, ndimbonile. Unendawo yeentyatyambo ngaphandle kwe—kwendlu; waye umhlaba othile. Yonke into phaya yintlabathi, ke unomhlaba othile kwindawo enkulu yeentyantyambo kwicala ngalinye lendlu edityaniswe kwenye. Qho kusasa kufanele ndivuke ndinkcenkeshela ezontyatyambo. Ukuba andizinkcenkeshelanga, ziyakufa. Kwaye ziya . . . Emva koko, kwakhona, kufanele ndifumane izitshizi ndizitshize, ukugxotha iintwala kuzo; iintsholongwane ziyakuzitya.

³⁸ Emva koko ugqitha nje kancinci koko, amashumi amathathu eenyawo ukusuka apho, kukho intyantyambo ezikhulayo, kwaye phandle entlango ziyakhula. Kwaye ungomba amashumi amabini eenyawo ukuhla iyakuba njenge fatyi yerhuluwa; akukho nto ehlabathini kuphela nje luthuli, kwaye akukho manzi kwaphela. Ngubani ozitshizayo? Yabona?

Ezi zityalwe kwibhedi yeentyantyambo, ukuba usilele ukuzitshiva nokuzinkcenkceshela, Itermite okanye iirhorho, iintwala, ziyakuzitya. Kodwa iintwala azinakuchukumisa eziya phaya entlango, azitefiswa nokutefiswa zinkcenkceshelwe yonke imihla; uyimveliso kaMdali. Lena ngumxube wemveliso ephindiweyo.

³⁹ Kwaye ndiyacinga, namhlanje, isizathu ubuKristu bube yiyo, ebantwini, imotyisi; kungokuba sinegquba lemveliso ephindiweyo hayi amaKristu oqobo, igquba elifanele lifekethiswe litshizwe, kwaye indlela yokuba bahlale ebandleni.

⁴⁰ Ndingafane ndicinge elona Bandla lokuqala, into ababeyiyo, kwaye ndilithelekise nale mveliso iphindiweyo namhlanje. Lena iyakuba yeyexabiso eliphantsi mveliso kuleyo iBandla lokuqala laliyiyo, lamakholwa angqwabalala akholelwa kuThixo, kunye noMoya oyiNgcwele. Wawungenakho ukuwafekethisa wona. Kwakungafuneki uwambambazele wona uwaxelele ukuba uyakuwangenisa kule; kwaye ukuba adiniwe kuleya, baya kwenye; kwaye uyakuwenza idikoni ukuba aza ngapha aze ashiye lena ingenye. Lowo ngumxube wemveliso ephindiweyo.

⁴¹ Bendicinga ngomzobo wokuqala kaMichelangelo, ndiyakholwa, ngowe “Isidlo SokuGqibela.” Ndinga wawuzoba. Ingaba niyaqonda into oyakukuxabisa yona lamfanekiso wokuqala? Iyakuba ngangabalekiyo amawaka eedola, awunakuze uwuchukumise lewa wokuqala, ngokuba ungaphaya kwexabiso. Yenziwe yanexabiso elikhulu! Kodwa ungawuthenga owemveliso ephindiweyo ngexabiso eliphantsi malunga needola ezimbini.

⁴² Yilonto abantu namhlanje bengakuqondi ubungqwabalala bawenene, amakholwa oqobo. Baba zimotyisi. Uyazi, ihlabathi lingena kumgxobhozo de ngathuba lithile ethubeni kufuneke ube nemotyisi ukulolula. Kuthabatha umntu oza embonisweni engowahlukileyo kancinci, kwaye uyi motyisi kwesasizukulwana. Bendicinga ngenye imini, ngubani onakho?

Ngubani namhlanje ongeyomotyisi? Uyimotyisi yomntu othile. Ndiyakholwa ihlabathi ngokugqibeleleyo liyaphambana. Ingaba uyazi ukuba lixesha apho abantu bengenakwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga, okanye inyani okanye imposiso?

⁴³ Ubusazi abezopolitiko abanakugweba okulungileyo nokungalunganga? Uyababona bethe cwaka koluvoto lokubuyisela iBhayibhile ebandleni okanye esi...iBhayibhile ibuyele esikolweni? Abazi yeyiphi indlela ezopolitiko ziyakubhudlela ngaphi na. Cinga ngayo! Andazi ukuba kunjani e-Indiana ngoku, kodwa kwisizwana sase-Arizona kuchasene nomthetho ukufunda iBhayibhile esikolweni. Ndiyacinga yinto enye e-Indiana, phantse yonke i-United States, ngokuba othile umfazi ongakholwayo waguqula inkqubo yonke. Kwaye,

khumbula, kuchasene nomthetho ukufunda iBhayibhile kwizikolo zethu zika wonke wonke, kodwa irhafu yamakholwa ixhasa ukungakholwa ukuba kufundiswe esikolweni.

⁴⁴ Ezopolitiko. Sidinga omnye u-Abraham Lincoln. Sidinga omnye uPatrick Henry. Sidinga umMerika onokuma engakhathalelanga ukuba ezopolitiko zimi phi, achaze okulungileyo, “kulungile,” nokungalunganga, “akulunganga.”

⁴⁵ Benisazi abashumayeli namhlanje abanakugweba kokuphi okulungileyo, iLizwi likaThixo okanye icawa yobuhlelo? Abazi yeyiphi indlela amabayithathe. Abanakugweba phakathi kokulungileyo nokungalunganga. “Ndiyazi iBhayibhile iyakutsho, kodwa icawa yethu ithi...” Yabona, abantu abanako ukugweba okulungileyo nokungalunganga. Kwaye yonke into echasene neBhayibhile ayilunganga. ILizwi likaThixo lilungile, kwaye lonke ilizwi lomntu libubuxoki, oko kuchasene naLo. Kwaye ukuzama ukuma ngoku phezu kwe—kwe—kwexesha elinje ngeliya, nokumela okulungileyo, uba yimotyisi.

Masibize izimilo ezimbalwa.

⁴⁶ Ndingacinga ngomprofeti uNowa, kula mhla mkhulu awaphila kuwo; esa sigaba sikhulu sobunzululwazi apho bakha ipyramids nemifanekiso exhonxiweyo, apho babenokubonakalisa ukuba kwakungekho manzi esibhakabhakeni, ngophando lobunzululwazi. Naku kusiza le ndoda indala phandle phaya, kwaye yathi, “Kuza imvula iphuma ezulwini.” UNowa wayeyimotyisi kwesa sizukulwana. Waba yimotyisi.

⁴⁷ Masicinge ngoMoses. UMoses, xa wehla waya kuFaro, njengoko besithetha ngale ntsasa, kwaye uMoses esihla esiya kuFaro, esithi, “INKosi indithumile ukuba ndikhuphe lamakhoboka,” enentonga esandleni sakhe, emelene nomkhosi omkhulu owathi woyisa ihlabathi lonke. UFaro, kubo bonke ubunkcuba buchopho bobunzululwazi bakhe, wacinga uMoses waye yimotyisi. Kwaye, wayeyimotyisi, kubo.

⁴⁸ Ndingacinga ngomprofeti u-Eliya, kumhla wakhe omkhulu, xa esodlula isiqhelo isigaba sefashoni; xa u-Ahabhi noJezebehele balawula ihlabathi, njengoko lalinjalo, kuloo mihla; kwaye zonke iifashoni nezinto awathi wafuna ukuzinxiba uJezebehele, nendlela awabenza ngayo bonke abafazi banxibe njengaye, nokuziqaba kwakhe, nokuqhubekeka, iifashoni zakhe, indlela awazihombisa ngayo. Kwaye xa othile omdala ongaqhelekanga, njengo Eliya, waza emboniselweni waza wamelana nesizwe sonke; ku Ahabhi, waye yimotyisi. Injalo.

⁴⁹ U-Amos, umprofeti, xa weza eSamari ngemihla eyathi iSamari yabanje ngeHollywood namhlanje, abafazi esitratweni, benxibe, kwaye nokrexezo ekuhleni, indlela abaqhubeka ngayo bahlala phaya, bevumela amadoda . . .

⁵⁰ Iphantse yalukrexezo lwasesidlangalaleni, namhlanje, kanye phambi kwakho. Ndaya kwindawo ethile ngobunye ubusuku, ukuya kufumana into yokutya, kwaye amakhwenkwe namantombazanana amancinci phezulu phaya egonene ephezulu ngohlobo endingalwaziyo.

Kwaye uyazi, dade wam omncinci, ukuba oko kusondele ekukrexezeni? Xa indoda ikuphuza, isondele ekukrexezeni nawe. Ungaze umvumele akuphuze ude ube utshatile, kuba amadlala, macala awendodana nawebhinqa amadlala, asemilebeni. Uyayiqonda? Kwaye xa amadlala endodana nawebhinqa ehlangana, nokuba kuphina, ngokusondeleyo ukrexezile. Kwaye akufanelekanga uvumele inkwenkwe ikuphuze side esasigqubuthelo siphakanyiswe ebusweni bakho kwaye ube ungumfazi wayo. Sukuyenza lonto! Kukukrexeza. Kukuxubanisa amadlala endodana nawe bhinqa.

⁵¹ Kutheni indoda ingaphuzi indoda, umfazi engaphuzi umfazi, emilebeni? Ngokuba akuphambanisi amadlala. Abantwana bazalwa ngokuphambanisa amadlala.

Ke iphantse ibe lukrexezo lwasesidlangalaleni kwakhona, ndaweni zonke. Jonga emibonisweni naphina apho ujonge khona, u-u ukuvuza izinkcwe no-nokuqhubekaka. Akumangalisi ukuhla kwezimilo ku-kubheka phezulu! Bangayenza njani lonto, nokuzikhuthaza ngokuphuza ekuphuzeni obo bafazi emlonyeni, besazi ukuba oko lukrexezo! UThixo akasokuze akuxolele ude uguquke.

⁵² Kwaye ngoku, xa enyuka, lomprofeti mkhulu, u-Amos. Waziwa njengowabancinci abaprofeti ngokuba akuzange kubekho okuninzi okubhalwe ngaye, kodwa wayeneLizwi leNkosi. Kwaye wakhangela phezu kwesasixeko, konke kunikelwe. . . Kwiindawo zokuphumla, amadoda ehleli beneengalo zawo zigone abafazi, nabafazi eneengalo zabo zigone amadoda, nje eyanamhlanje iHollywood! Kwaye wajikeleza esihla ngesixeko, wathi, “Niyakuguquka okanye nitshabalale!” Wayeyimotyisi. Wayephantse waziveza njengophambeneyo, kubo.

⁵³ UYohane umBhaptizi, xa weza emboniselweni. Kwabeenkolo zobuhlelo zaloo mhla, wayeyimotyisi. Wayenethuba lokuba ngumbingeleli, ukulandela ekhondweni likayise. Kodwa wala ukuyenza lonto, ngokuba uThixo wamgcina ngaphandle kwezomvumo-nkolo namahlelo, ngokuba umsebenzi wakhe wawubaluleke kakhulu. Wayefanele avakalise ukuza kukaMesiya. Kwaye xa wayengenanto yakwenza nabaFarasi, nabaSadusi, okanye nantoni eyayiyiyo, zange afune nelinye iqela labo, wathi, “Ningaqalisi ukuthi, ‘Sino Abraham ubawo wethu,’ kuba ndiyatsho ukuba uThixo unako kulamatye ukumvusela abantwana u-Abraham.” Kwi-kwihlabathi lenkolo lwemihla yakhe, yena wayeyimotyisi. Injalo.

⁵⁴ Xa uYesu weza emboniselweni. Kubantu benkolo bemihla Yakhe, naYe waba yimotyisi. Ngokuba, bathi, “UngumSamariya. Ushiywa yingqondo Yakho. Uyindoda ephambeneyo,” ngamanye amazwi, “igeza.” Wayekoko, ebantwini, iNkosi noMsindisi wakho.

Akumangalisi, uPawulos, egeqeshwe nguGamaliyeli ukuba abe ngumbingeleli, ithuba lokuba ngenye imini abe ngumbingeleli omkhulu. Kwaye endleleni yakhe esihla esiya eDamasko, wabethwa wawiswa kuKukhanya okungaphezu kwendalo. Waza wajonga phezulu, ekubeni engumJuda, kwaye esazi ukuba laa Ntsika yoMilo yiyo eyakhokelela abantu bakowabo. Wathi, “Nkosi, Ungubani Wena?”

Yaza Yathi, “NdinguYesu.”

⁵⁵ Kwaye xa wancama imfundo yakhe, wancama yonke imfundo yakhe yakwalizwi awayeqeqeshelwe kuyo ezikolweni, waba ngumntu nje, umshumayeli wasestratweni, waba yimotyisi. Wathi, “Ndiye ndaba sisidenge.”

⁵⁶ Kwaye abantu bacinga wayephambene, ephumile kuye. Waxelela uFesto, “Andiphambenanga.” Wayesazi nje iNkosi. Kodwa ukwazi iNkosi kwiqela lenkolo. . .

Ndiyathemba aniyiphosi. Ukwazi uYesu, kulo mhla, phakathi kweqela lenkolo, uyakuba yimotyisi. Ayikaguquki. Ndingahlala ixesha elide koku, kodwa ndi—ndifuna ukukhawulezisa ukwenzela umgca wokuthandazela.

⁵⁷ UMartin Luther, laa mpristi womJamani omncinci, owathatha umthendeleko ngenye imini, wawulahla phantsi kwizinyathelo, wathi, “Lona asingomzimba kaYesu Kristu. Esi sisonka nje kuphela esenziwe emva phaya.” Kwaye wakwazisa, ukuba, “Amalungisa ayakuphila ngokholo.” Wayeyimotyisi, kwicawa yobuKatolika. Babenakho ukumgwinta ngenxa yalonto, kodwa, wayeyimotyisi, basuka bamyeka nje. Kodwa, waba yimotyisi, kwesa sizukulwana.

⁵⁸ UJohn Wesley, ngemihla emikhulu yokungabi nazimilo eNgilane. Xa, ukuba imvuselelo yobuWisile yayingafikanga emboniselweni. . . Ihlabathi lonke lalonakele, ukungabinazimilo ndaweni zonke. Kwaye icawa yobu Tshetshi yayimke kakhulu de akwabakho mvuselelo; okunjeya ukucinga ngokobuCalvin! Kwaye uJohn Wesley weza emboniselweni, kunye ne—nelizwi longcwaliseko, ukucoca ukungabinazimilo. Waba yimotyisi.

⁵⁹ Ukucaphula uMnu. Wesley, kanye, kwincwadi yakhe. Wayesihla ngendlela, kwaye enye indoda yecawa yaseNgilane. . . Bonke babecinga wayephambane, ke wema endleleni. UMnu. Wesley wayeyindodana encinanana. Lo mfo mkhulu wayecinga uzakumkhahlela nje phantsi, ke wema endleleni. UMnu. Wesley wenyuka wathi, “Uxolo, mhlekazi, khawukhwelele ecaleni? Ndingxamile.”

Waza umTshetshi wathi kuye, “Andisikhweleleli isidenge.”

⁶⁰ UMnu. Wesley wathoba umnqwazi wakhe, wagqithela ecaleni; wathi, “Ndisoloko ndisenza.” Ke, uyabona, yayinguye wayeyimotyisi; omnye wayengokaKristu; ongomnye wayengowecawa.

Ke, uyimotyisi yomnye umntu, okwangoku.

⁶¹ Xa abakwaMoya beza embonisweni, kumashumi amahlanu eminyaka eyagqithayo. Bathi, “Aba bantu baphambene!” Babezimotyisi, injalo lonto, ngokuba bohlaya konke okwakonakala okwakukwizigaba zebandla ngela xesha xa beza embonisweni.

Kodwa yintoni abakwaMoya abayenzayo? Babuyela kanye emva kumhlango ababephuma kuwo, kanye emva kukonakala kobuhlelo. Niyazi intoni? Lixesha lenye imotyisi. Ewe. Lixesha lenye. Injalo lonto.

⁶² Qaphela, imotyisi, phambi kokuba kubekho imotyisi, kubakho ibholithi eyanele kulo motyisi. Kwaye la motyisi iqoqelwe kula bholithi; ukuba akunjalo, ayilungelelanani. Qaphela. Bonke ababeqoqelwe, ngemihla ka—kaNowa, baqoqelwa kumyalezo weVangeli; uNowa, imotyisi, wabatsalela emkhombeni. Kuxhomekeke ekubeni yintoni amaqoqo akho, uqoqelwe entwenini. Ukuba uqoqelwe ehlabathini, bayakukutsala. Ukuba uqoqelwe eLizwini, Liyakukutsala. Kuxhomekeke kokuphi oqoqelwe kuko, yeyiphi imotyisi oyakuyilandela.

⁶³ Kodwa uNowa, ekubeni eyimotyisi neLizwi likaThixo, imotyisi kwisigaba sobunzululwazi nakwisigaba senkolo awayephila kuso, wabatsala, abo babenokusindiswa, ukubangenisa emkhombeni. Amen. Abo babenyuliwe ngexa elingaphambili, ibholithi eyayenziwe ngaphambi kwemotyisi. Ibholithi kufuneka iqoqelwe emotyisini.

⁶⁴ Ke, uSathana, uneebholithi neemotyisi, naye, iibholithi neemotyisi zezikumkani zelihlabathi.

UFaro wayeyimotyisi nje kuNowa, okanye kuMoses, njengoMoses wayenjalo kuFaro. UFaro, kunye nawo onke amaqhinga akhe obunzululwazi, wasitsalela kuye isizwe sakhe. UNowa, ekubeni eyimotyisi kaThixo, walitsalela ibandla kwilizwe lesithembiso. Kuxhomekeke uqoqelwe kweyiphi indlela. Walitsalela ibandla ngaphandle kweYiphutha; njengokuba uNowa walitsalela ngaphandle kwehlabathi ibandla, walisa emkhombeni. UMoses watsala ibandla walikhupha eYiphutha, ukulisa kumhlaba kaThixo wesithembiso.

⁶⁵ Watsho uYesu. Ngoku, lumkani, kuba ezi motyisi neebholithi zifana kakhulu. Qaphelani nje iqoqo. UMateyu 24:24, Wathi, “Ibiyakuphantse ilahlekise naBanyuliweyo.”

Ngoku, u—umMelika kunye nehlabathi lonke lobuhlelo lidinga imotyisi.

⁶⁶ UmWisile, umBhaptizi, umRhabe, bonke bathe saa *kule, kuleya*, kwaye bonke besilwa. Kwaye, emva kwako konke, baqoqelwe bonke kwibholithi enye. Ke uThixo ubanike ibholithi, kwaye wabathumela imotyisi, iQumrhu leeCawa zeHlabathi. Liyakuzitsala zihlangane. Injalo lonto. Ngenene iyakuyenza. Iyakuzitsala zihlangane, iBhunga leHlabathi.

⁶⁷ Niyazi, inayo, apha kungekudala... Akunakubakho nto enokwenzeka, unobangela, ngaphandle kwesizathu. Abafazi bafuna ukuzihluba impahla zabo. Bafuna ukunxiba ezimfutshane. Bafuna ukuba ngabecawa futhi. Bafuna ukunxiba zonke ezi kinis, okanye nantoni ozibiza ngayo izinto. Bafuna ukuyenza lonto, kwaye basafuna ukuba ngabecawa; bafuna ukukhwaza, bangxole, baze badanise; banqule, olo lunqulo.

⁶⁸ Ngoku, ukuba bendinexesha, bendiya kuyibonakalisa lonto kuwe. Olo lunqulo lomtyholi, ukudanisa ngolwahlobo nokwenza ezo zinto. Ndingabonakalisa oko kuwe, kwimihlaba yabahedeni. Babefuna ukunqula, kwaye bagcine ubungqina babo baze futhi bahlale ebandleni. Ke uThixo wabanika imotyisi, ezimbini okanye ntathu zazo; enye ebizwa ngo Elvis Presly; enye, uPat Boone, no Ernie Ford; bangacula amaculo nento yonke engenye, baze futhi babange ukuba ngamaKristu. Yimotyisi. Ayiqoqelwanga eLizwini. Injalo.

Ngoku, bendithe ndizakugqiba kwisiqingatha seyure, kwaye iphelile. Kodwa, phulaphulani.

⁶⁹ Ihlabathi lifuna imotyisi. USathana wenza ukuba bayifumane. Selebeqoqelwe yona.

Kodwa, ngelixa ihlabathi liqoqelwa imotyisi, kukho abantu ababizwa uMtshakazi. Bayaqoqwa, nabo. Njengokuqinisekileyo njengokuba ndimi apha, uThixo uyakubathumelela imotyisi eyakutsala ikhupe umtshakazi kulembundumbudu, imse eBukhloneni bukaThixo. Iyakuba yeqoqwe ngeLizwi imotyisi.

⁷⁰ Umgxeki, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, wathi kum, ezantsi eTucson. Wathi, “Uyazi, abanye abantu bakwenza imotyisi, kwaye abanye bakwenza uthixo.”

Ndathi, “Ke, oko kuyahambelana ngahlobo luthile.” Ndiyazi uzama ukundigxeka. Yabona?

⁷¹ Wathi, “Abantu bacinga unguthixo.”

⁷² Ndathi, “Ke, nje...” Ndiyazi abantu zange bayenze lonto. Kodwa nda—ndandiyazi ukuba akayiqondanga, ngokuba wayekwelinye icala lofele, uyabona. Ke ndandiyazi wayengayiqondanga, wayengayiqondanga yona. Ke ndathi, “Oko akukudanga kakhulu eLizwini likaThixo. Akunjalo?”

Yabona, masimenze nje—masimenze nje azi ukuba sasingalahlekanga. Siyazi apho sasimi khona. Siyazi luhlobo

olunjani lweseyile esasilubekile, kunye nohlobo lomoya olwaluyibhudla. Sazile ukuba iqoqo lethu laliyintoni, nokuba yayiyintoni imotyisi yethu. Kwaye siyazi indlela esimi ngayo.

Ndathi, “Okokuchasenanga neLizwi likaThixo, kakhulu. Akunjalo?” Ndathi, “Khumbula, xa uThixo wayethumela uMoses ezantsi kubantwana bakaSirayeli, uThixo wamenza uMoses uthixo, injalo lonto; waza wamenza, ngokunjalo, u-Aroni umntakwabo, umprofeti. Injalo lonto. ‘Bonke abaprofeti,’ watsho uYesu, ‘babengoothixo.’ Babengoothixo; abantu.” Injalo lonto. UThixo ubhekiselele kuyo ngalandlela.

⁷³ Phulaphula, iLizwi esilishumayelayo nelizwi endilithethileyo ngale ntsasa, “UThixo ezimele emva kofele, ufele lwesikhumba, uThixo ezimele emva kofele lomntu.” Yabona? Yilonto Awayenzayo. Xa uThixo wabonakaliswayo ehlabathini, Wayezimele emva kwekhuselo, emva kofele loMntu obizwa ngoYesu. Wayekhusiwe kwaye ezimele emva kwefele loMntu obizwa ngoMoses, kwaye babenguthixo, hayi ooThixo; kodwa babenguThixo, uThixo omnye, oguqula nje isigqubuthelo Sakhe, esenza kwa into enye xesha ngalinye, esazisa eli Lizwi. Yabona, uThixo wayenza ngala ndlela. Uyazi ukuba umntu kufanele abone into ethile; ikhona kumntu ngamye wethu ozalelwe kweli hlabathi.

⁷⁴ Njengokuba bendixelela ngale ntsasa, akukho mntu wayenokulandela uMoses phaya. UThixo akazange wasebenza ngababini. Usebenza ngaye abemnye, maxa onke. Akukho namnye owayenokulinganisa uMoses. Yayikukufa, ukufa ngokwasenyameni, ukuzama ukulinganisa yena, ukuya kulaNtsika yoMlilo kunye naye. Ke abantu abenziwanga bonke... Akuzalwanga ngala ndlela, ukugqobhozela kokuya kungaphezu kwendalo.

Kodwa uThixo ubeka abanye emhlabeni ukumela Yena, njengonozakuzaku osuka kuYe. Kwaye la nozakuzaku umiselwe, nguThixo, ukuya kokukhulu okungaziwayo okungaphezulu kwendalo, acalule, azise izinto ingqondo yemvelo engenazikubona. Izisa imfihlelo kaThixo, ichaze kwantla-ndlolo izinto ezikhoyo, nezinto ezazikho, nezinto eziyakubakho. Yintoni? UThixo, uThixo emva kofele, ufele lomntu. Leyo yinyaniso ngqo.

⁷⁵ USam Connelly uhlala eTucson. Uza apha kube kanye, kwiminyaka emininzi egqithileyo, kunye noMnu. Kidd, kwaye waphiliswa; ene ulcer iminyaka emininzi. Xa ndaphumayo kukwindla odlulileyo, uSam wayene—nelitye eyathi ingcaphephe phaya, e—eTucson, yalixilonga. Lalingangebthabile ubukhulu. UMzalwana uSam Connelly... Abaninzi benu apha bayamazi; usuka e-Ohio. Kwaye waya kugqirha, waza wathi, “Sam, zilungiselele kuleveki izayo; ndizakulikhupha ela litye,” iqela leentsuku emva koko.

Wathi, “Ndingaligqithisa ilitye, gqirha?”

Wathi, “Akukwazeki. Iilitye likhulu kakhulu.”

⁷⁶ Ke wamngenisisa emotweni wamgodusa. Waza watsala umnxeba; wathi, “Ndifuna uze ngapha undithandazele, Mzalwana uBranham.” Kutheni endibizele lanto? Ndaza ndaqalisa ukumthandazela.

⁷⁷ Ndathi, “Sam, ngu ITSHO INKOSI, ilitye liyakuzigqithela ngokunokwalo.”

⁷⁸ Kwaye kwintsasa elandelayo walithatha ilitye walisa kugqirha. Waza wathi, ugqirha wathi, “Mnu. Connelly, andiyiqondi ukuba yenzeke njani.”

⁷⁹ Waza yena wathi, “Ndilikholwa elikholelwa kuThixo, kwaye uThixo undigqithisele ilitye, walisusa kum.” Indoda kwakunzima ukuyikholelwa, ugqirha. Nje okungekho ngaphezulu kwanokukhohlelwa kolwadumbo lukhulu lushiya icala lomfazi wam. Niyazi malunga nalo, yabona. Ke wathi. . .

⁸⁰ Malunga neenyanga ezintandathu kamva, oko kumalunga nesithathu. . . malunga neeveki ezimbini ezigqithileyo, okanye iiveki ezintathu ezigqithileyo, uSam Connelly wayecinezelwe phantsi yimeko embi yentliziyo. Kwaye andilazi igama, isifo seentliziyo, okanye uhlobo oluthile lokuxinana kwentliziyo, okanye nantoni na eyiyo. Iyingozi kakhulu. . . Ayisokuze. . . Akunakugqitha kuyo, batsho. Uhlasele lwentliziyo, kwaye intliziyo yakhe yavaleka. Kwaye amalungu akhe adumba de amaqatha akhe amakhulu kunomlenze wakhe, phezulu apha ekujikelezeni isingq. Ke bamthatha bamsa kugqirha. Ugqirha wathi, “Mgoduseni, ngoxolo, okanye nimse esibhedlela.”

USam wathi, “Andifuni kuya esibhedlela!”

Wathi, “Mgoduseni nimbeke ebhedini, kwaye ungashukumisi intloko, isandla, okanye unyawo, iinyanga ezintandathu.” Wathi, “Ungafa nangowuphi umzuzu.”

⁸¹ Kwaye uMzalwana uNorman watsala umnxeba. Saza saya ngaphaya ngoba busuku, ukuya kubona uMzalwana uSam. Kwaye xa samthandazelayo, yaza iNkosi yathetha.

Kwaza kwintsasa elandelayo, uSam wehla waya e-ofisini kagqirha, eneskhinda sinyusiwe, wema phambi kogqirha, wathi, “Ndijonge, gqirha!”

Waza ugqirha wamfaka phantsi kwesixilongi-ntliziyo, waza wathi, “Andiyiqondi lento.” Wathi, “Buyela emsebenzini.” Wathi, “Ungoweyiphi icawa?”

Wathi, “Andingowayo nenye.”

⁸² Wathi, “Akunakuba ngumKristu ngaphandle kokuba ungowamahlalo. Kufanele ubenjalo.” Yabona, kuphela oko oogqirha abakwaziyo. USam wayeyimotyisi, kuye. Kwaye wayeyimotyisi, kuSam, ngokubuza umbuzo onjalo.

Emva koko kwenzeka ntoni? USam weza ngapha, waza wathi, “Ndithini nakubani ondixelela ezo zinto, Mzalwana uBranham?”

⁸³ “Baxebelele ukuba ‘ungowelilodwa nekuphela kwalo iBandla.’ Akulijoyini Lona. Asilohlelo. Uyazalelwa kuLo.”

⁸⁴ Inenekazi elincinci, malunga neenyanga ezintandathu ezigqithileyo, loyame esifubeni sikaDade uNorman. Ndiyililibala igama lalo, omhle kakhulu umfazi omincinci malunga namashumi amathathu iminyaka ubudala. Lona nendoda yalo babohlukene, kwaye laba nomhlaza wegazi. Kwaye lalikwenjalo imeko ukuba lingakwazi kuhamba. Yaza ekugqibeleni yaba mbi kakhulu bade oogqirha bamlalisa ebhedini. Kwaye oogqirha bamtyelela de ixesha lafika. Bamninka kude kube nguLwesithathu olandelayo. Uyakube efile ngoLwesithathu. Waza uNkosk. Norman wamohlisa ebhedini ngandlela ithile, wamzisa ngapha, kwaye kwafanela umbambe esitulweni. Kwaye njengoko into encinci ihleli phaya, igeqezela emva naphambili, engwevu kangangoko enakho; etyheli esikhumbeni, ngenxa yomhlaza, umhlaza wegazi.

Ndathi, “Kulungile, ndingakuthandazela, dade.”

Kwaye yena ezama ukuthetha, neenyembezi emehlweni akhe, wathi . . .

Nda—ndathi, “UngumKristu?”

Wathi, “NdingumWisile.”

Ndathi, “Ndi—ndibuzile ukuba ungumKristu.”

Waza wathi, “Uthetha ukuba ngowecawa yobuKristu?”

⁸⁵ Ndathi, “Hayi, mama. Ndithetha ukuba, uzelwe ngoMoya kaThixo na, kwaye uyithanda iNkosi uYesu?”

Wathi, “Kulungile, bendisoloko ndingowecawa.”

⁸⁶ Ndathi, “Ukuba uThixo uyakukwenza uphile, ungandithembisa ukuba uyakubuyela kum undivumele ndikubonise indlela yeNkosi ngokucace kakhulu?”

Wathi, “Ndiyamthembisa uThixo nantonina, ukuba Angasindisa ubomi bam. Ndiyakumkhonza Yena.”

⁸⁷ Nje emva koko umbono weza, wathi, “ITSHO INKOSI. Sukulungiselela; krazula izinto zakho zokufa kwakho, usuku emva kwe ngomso.” Oko kwakungoMvulo, kwaye kwakufanele afe ngoLwesithathu. “Akuzukufa.”

KwiCawa edlulileyo, iveki ukusuka kuleCawa, ndahlala naye egumbini. Waba nobunzima obungamashumi amathathu anento obunzima; ugqirha wathi akukho nantwana ebonakalisa umhlaza wegazi efumanekayo naphina. Kwaye wayefuna ukwazi; ndaza ndamthumela ezantsi ukuba abhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, kumngxuma wokunkcenkeshela,

ngendlela yeNkosi. Ingaba yimotyisi, kodwa, “Ukuba Ndiyaphakanyiswa, Ndiyakutsalela bonke abantu kuM.”

⁸⁸ Ndityelele, phezulu inkwenkwe ebiquhele ukwenza iteyiphu apha, uLeo Mercier. Unoskhoji. Kwaye bendithandazela abantu abathile. Ndathandazela inenekazi elincinci egama lingu Lokar, ndiyakholwa lilo. Kwaye waba notyando lomhlaza kangangeshumi elinesine lezihlandlo, kwaye oogqirha bamncamela ekufeni. Waza wathandazelwa, kwaye waxelexela ukuba akasayi kufa, koko uyakuphila. Kwaye akukho nentwana ebonakalayo yawo naphina. Kwaye ngenxa yoko, amashumi amabini anesibhozo osapho lwakhe ayeme phaya, asindiswa aza azaliswa nguMoya oyiNgcwele. Ingaba yimotyisi, kodwa itsalela bonke abantu kuYe, abayakuza. Iqoqelwe kunye neLizwi. Uyabona ndithetha ntoni?

⁸⁹ Ndifumene ileta efikileyo, usuku phambi kwezolo, ilele kanye emva phaya kwifayile. Ngokwindla odlulileyo, ngelixa sikuhambo lokuzingela...okanye, intwasa-hlobo edlulileyo, bekungunyaka ogqithileyo. Inkwenkwe yeNdiya ebizwa ngo-Oscar, esizingela nayo kwindlela ephezulu ngasentla phaya; kulapho iNgelosi yeNkosi, ndinixelele, ukunqumla apha, iyakuziza lambabala ne-nelabhere limibala isiliva. Nonke kuni niyayikhumbula. Yaza la nkwenkwe, xa ndayayo...Yaya yona ententeni, ngentwasa-hlobo edlulileyo. Kwaye xa uBud wandicela ukuba ndicele intsikelelo, (wakhulula iigloves zakhe; wayephalisa), wazifaka iigloves kwaye wayelungele ukumka. WayengumKatolika. Wayengenanto yakwenza naWo.

⁹⁰ Ngokwindla odlulileyo, xa wayenakho, eme ecaleni lam... Xa unina wayesemva phaya, esifa luhlaselo lwentliziyo, wathi, “Akunakubuya uze kumthandazela?” Ndabuya kwelinqungwala lamaNdiya phaya. Kwaye phaya, bonke behlanganisene ecaleni likanina, yena esifa, enganakho nokuthetha igama lesiNgesi. Waza uMoya oyiNgcwele wehla waxelela unina, esebenzisa itoliki, intombi yakhe, into eyenzekileyo, eyayiyiyo. Wade wabiza negama lakhe, wamxelela ukuba wayeyintoni, nohlanga awayephuma kulo, nendlela oku okuyakwenzeka ngayo. Kwaye unina waphila ngesiquphe.

⁹¹ Kwaza ngentsasa elandelayo xa ndabuyela ukuya kubabona, njengoko ndandiphalisa ndiphuma, ndihamba amashumi amane eemayile ukuya kufuna iigusha, nabaya babehleli phaya, waye konke...ekhwela ihashe ukubuyela emva ukuya kwaneka inyama yenyamakazi. Ndaza ndathi, “Kubusuku obugqithileyo xa ndandithandaza, ndathi, ‘Bawo wethu waseZulwini.’” Ndathi, “Louise, be-be... Ibingumthandazo wobuKatolika. Nonke naqalisa, kwaze emva koko, kakade, ndanishiya.” Ndathi, “Ngoku ndizakubulela nje uThixo. Asitsho imithandazo; siyathandaza.”

⁹² Wathi, “AsisengomaKatolika.” Wathi, “Sikholwa njengokuba ukholwa. Sifuna usithathe sonke usibhaptize ngendlela obhaptiza ngayo. Sifuna uMoya oyiNgcwele.”

⁹³ Endleleni ebuyayo... Inkwenkwe yayilahlekelwe ngamahashe ayo, iinyanga phambi koko, ingawafumani. Kwaye umkhokeli emngxolisa, wathi, “Oscar, wazi ngcono kunokushiya amahashe ngolwahlobo phaya. Amabhere, amaninzi amabhere, ziyakuwatya ziwagqibe wona amahashe ngelixesha.”

Waza waqhubeka emi ecaleni lam. Wathi, ngobunye ubusuku, wathi, “Mna ndibuza into kuwe?”

Ndathi, “Ewe.”

Wathi, “Mzalwana Branham, thandaza uThixo. UThixo andibuyisele amahashe am.”

Ndathi, “UBud uthe amabhere awatyile.”

Wathi, “Mzalwana Branham, cela uThixo. UThixo abuyisele u-Oscar amahashe akhe.”

Ndathi, “Uyayikholelwa lonto, Oscar?”

Wathi, “Ndiyakholwa. UThixo uphilise umama wam. UThixo makaxelele wena apho ibhere belikhona, apho inyamakazi ikhona. Laa Thixo, owaziyo apho inyamakazi ikhoyo, uyazi apho amahashe am akhoyo.” Yabona?

⁹⁴ Kunyaka ogqithileyo, ngelixa ndimi emva phaya kunye noFred Sothmann, olapha ngobubusuku, uBilly Paul, unyana wam. UMoya oyiNgcwele wehla. Ndathi, “Oscar, uyakuwafumana amahashe akho. Ayakube emi ekhephini.”

Apho kwakulele ileta, ebhalelwe mna kwiveki ephelileyo, kwaye ndayifumana ngoLwesihlanu, ifike apha. Iele kanye phaya kwifayile ngoku. “Mzalwana uBranham, u-Oscar uwafumene amahashe emi ekhephini.”

⁹⁵ Indlela aphile ngayo, akukho mntu waziyo. Phaya, inkwenkwe... Ngelixesha lonyaka, uJuni, kukho ikhephu elininzi phaya lingamashumi amabini okanye amashumi amathathu eenyawo lekhephu liwarhangqile. Ahlala njani phaya ubusika bonke, kulomwonyo? U-Oscar abe nokufika kuwo, ngezihlangu zekhephu, kodwa, kakade, akanakufaka izihlangu zekhephu emahashini. Kodwa wawafumana, ngokweLizwi leNkosi. Ingavakala njengemotyisi; yikholelwe nje kube kanye! Kuxhomekeka ukuba anjani amaqoqa akho.

⁹⁶ Ngoku, ayisayi kuqoqeka kunye nehlelo. Iyakuqoqeka kuphela kunye neLizwi. Kodwa kukho abantu abathile ehlabathini abakholelwa ela Lizwi! Kuyakuthabatha imotyisi ukwambesa la Mtshakazi aphume apha, uqoqiwe, kuba uMtshakazi kunye noMyeni banye. Kwaye noThixo mnye, neLizwi linguThixo! Kuyakufanela ukuba iqqoqwe kunye neLizwi, kwaye Iyakutsala uMtshakazi aphume kula mahlelo.

⁹⁷ Ehe, wayefuna ukundigxeka. Uyazi, indikhumbuza ukuthetha malunga, ngale ntsasa, uThixo ezifihle emva kweemfele, ufele lomntu.

⁹⁸ Ibalana elincinci, emva koko ndiyavala; uxolo ngokuba ndinigcine apha malunga namashumi amane anesihlanu emizuzu ngoku. Kukho ikhaya, ikhaya lobuKristu, kwaye kwakukho...Ndakubalisa oku kulomgxeke. Kwaye kweli khaya kwakukho...Babekholelwa kuThixo. Babenenkwenkwe encinci phaya, kodwa yayisoyika nyani kwisichotho. Ukubaneka, owu, wayesoyika ngenene. Ebeyakubalekela phantsi kweetafile, nokuba kuphi na, xa kwakubaneka.

Ke ngobunye ubusuku kweza isivunguvungu esikhulu phandle efama, nalapho babehlala khona, kwaye imithi ibhudla, nemibane ibaneka, kusiba sebusuku kakhulu. Unina wathi kuJunior, wathi, “Ngoku, Junior, yiya kwigumbi eliphezulu uye kulala.” Wathi, “Ngoku, sukoyika. Nyukela phezulu phaya.”

⁹⁹ Ke uJunior omncinci, enxibe ipijama zakhe, wenyuka ngemigangatho, ejonge ngasemva, ebulila. Wangqengqa, ezama ukozela, wagquma intloko yakhe. Akazange ozele; laa mbane udanyaza ecaleni kwefestile. Ke wathi, “Owu, mama,” wathi, “nyuka uze apha ulale nam.”

Kulungile, wathi, “Junior, akukho nto izakukukhathaza. Laa mbane awunakwenzakalisa.”

Wathi, “Kodwa, mama, nyukela apha ulale nam.”

¹⁰⁰ Ke unina wenyuka ngemigangatho walala enqamleze ibhedi, kunye nojunior wakhe. Waza wathi, “Junior, nyana wam omncinci, umama ufuna ukuxelela into ethile.” Wathi, “Junior, silusapho olungamaKristu. Sikholelwa kuThixo, kwaye sikholelwa ukuba uThixo uyasikhusela kwizichotho. Siyayikholelwa lonto. Kwaye siyakholelwa ukuba uThixo uyabakhathalela abaKhe.” Waza wathi, “ndifuna wena ukukholelwe oko, Junior. Okokuba, ungowoyiki. UThixo unathi, kwaye Uyakusikhusela.”

¹⁰¹ UJunior wanyusa impumlo kambalwa. Wathi, “Mama, ndiyakukholelwa oko, nam.” Wathi, “Kodwa xa la mbane usondela kakhulu efestileni, ndithanda ukumva ngemvakalelo uThixo onofele kuYe.”

Ke ndicinga ukuba sonke ubuninzi bethu njengabantu abadala sicinga lonto inye. UThixo, onofele kuYe! [Indawo engenanto ekhasetini—Mhl.] UThixo, onofele kuYe! Ingavakala njengemotyisi, ehlabathini, kodwa itsalela bonke abantu kuYe.

Masithandazeni.

¹⁰² Bawo waseZulwini, njengamabalana amancinci a—amava, kwaye ngamanye amaxesha enzekela isizathu. Kwaye wona, nangona engqwabalala ngendlela angayo, kodwa

siyawaqonda ngolwimi awenzeka ngalo. Ke siyakubulela Wena, ngobubusuku, Nkosi, okokuba—okokuba uThixo Angazenzela indlu ngaphakathi kuthi. Sinombulelo ekubeni kwabakho isingxengxezelo esenziwayo, iGazi Lomsulwa, uYesu; Owayekukuzalisekiseka kukaThixo, inzaliseko yentloko-buThixo ngokomzimba, okokuba Wabubeka phantsi ubomi Bakhe obubalulekileyo; abuthatyathwangwa kuYe, kodwa ngokuzithandela wabubeka phantsi, ukuze sibe nakho ukuMonwabela ekupheleleni koBukho Bakhe, eluzukweni loBuqaqawuli Awayehlala kubo; ukuze imiphefumlo yethu ibe nokugcwalisekiswa ngela Gazi, ukuze uMoya oyiNgcwele omkhulu Ngokwakhe abe nokuhlala ngaphakathi kuthi. Kwaye sibe ngabefundisi, abaprofeti, nanjalo njalo, ebantwini, kwabo, Nkosi, banesidingo; izipho zika Thixo; uThixo Ngokwakhe ezibonakalisa, ekhazimlisa izipho ezikhulu zikaThixo, ebukhoneni besisigaba sanamhlanje.

¹⁰³ Kwaye ukuvakalisa okungqwabalala, Nkosi, kokuba yimotyisi. Kwaye siyazi, ukuba kulo mhla, okokuba ithabatha ixeshana xa ihlabathi lingena emgxobhozweni njengebandla linjalo namhlanje, nje ukuzibandakanya neecawa ezintsha namahlelo amatsha. Indoda eza neLizwi ibalelwa ukuba yimotyisi, umntu ophambeneyo. Njengalo mpostile mkhulu uPawulos, owayeqeqeshelwe ukuba sisifundiswa sakwalizwi, umpristi, kodwa noko watsho ukuba waba sisidenge, ngenxa yozuko lukaThixo. Wancama imfundo yakhe, ukuze abantu ababeno...kuphulaphula kwalungiswe kakhulu amazwi akhe. Kwaye wathi akazanga namazwi oyisa ngabulumko babantu, ukuze ukhlo lwabo lube kwezozinto. Indlela ibandla eliguqukele koko namhlanje, njengoko waprofetayo, “Emva kokumka kwam, ziyakungena iingcuka, zingawuchongi umhlambi.” Kodwa wathi weza kubo, “emandleni nasekubonakalisweni kukaMoya oyiNgcwele,” ukuze ukhlo lwabo lube kuThixo. Bawo, waba sisidenge, ehlabathini, ukuze azi uYesu.

¹⁰⁴ Ngoko sinjalo namhlanje, Nkosi. Kukho abantu abahleli apha ababalelwe njengabaphambeneyo, ngokuba balungele ukuthemba uThixo ngempiliso yabo, ngenxa yesiphelo sabo saPhakade. Bebeko isidima sabo esichengeni, ekunquleni Yena. Bebulala Yena, bebonga Yena, benika inkululeko kumoya wabo, ukuze banqule uThixo; babalelwa njengabaphambeneyo. Kodwa Wena utshilo, ukuba, “U—ubudenge bukaThixo,” ukuba sizizidenge, “babenamandla kwaye belumke kakhulu kunobulumko babantu; kuba umntu, ngobulumko, akamazanga uThixo. Kodwa ngobudenge bentshumayelo, kwamonelisa uThixo ukuba asindise abo babenokusindiseka.” Siyathandaza, Thixo, okokuba uMqambi omkhulu weli Lizwi uyakuza ngobubusuku aphilise abagulayo, asindise abalahlekileyo. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

¹⁰⁵ Ndifanekisela noThixo, ukuze ningaphixaniseki koko ndikuthethileyo namhlanje; uThixo yiDayimane enkulu, uNaphakade.

Kwaye xa idayimane ikhutshwa kumatye aluhlaza ase Afrika, ndakhe ndaba semigodini ndababukela bona kwenkulu...indlela abayenza ngayo lena baze bakhuphe iidayimane, indlela abayibetha ngayo, kwaye ezinkulu eziluhlaza iidayimane, ezimnyama iidayimane ziyavela. Ayibi nasithomo, isithomo esithile. Ngamatye nje amakhulu. Kwaye, ngenene, awanamlilo kuwo ngelaxesha. Azidayimane nje, ilitye; asisangqa, empuluswa, amaninzi awo. Kodwa le dayimane kufanele isikwe. Ngoku, kuchasene nomthetho ukuba ubenayo ingasikwanga. Kufanele isikwe, kuze emva koko kufuneke ube nerisithi yalapho uyithenge khona, kuba kukho izigidi zeedola kuzo.

Kwaye ndifanisela uThixo kula dayimane.

¹⁰⁶ Ngoku, idayimane isikwa ukuze ibonakalise oko kungaphakathi kuyo, umlilo okwidayimane. Kwaye kufanele isikwe ibe ngendlela encinci kakhulu, bonke ubume obuncinci, ubutsolo obuthathu. Kubekwe ubutsolo obuthathu kwidayimane, kwaye ukukhanya kubutsolo obuthathu buyakunika imibala esixhenxe, yabona, yenza imibala esixhenxe.

¹⁰⁷ Kwaye qaphela ngoku, “UThixo wangxwelerhwa ngenxa yebugwenxa bethu, wakhandaniswa ngenxa yezikreko zethu.” Yabona, Wasikwa, wakhandaniswa, laa Dayimane inkulu, ukuze kuYe kubonakaliswe izipho eBandleni.

Kwaye asikuko ukukhanya; ngokuba, ukukhanya kufanele kubuyele emva, xa ilanga licimile kuyo, ukuya apho isikwe khona.

Kodwa isuntswana ngalinye eliphuma kokwakuzozwa alitshatyalaliswa; libekelwa ukusetyenziswa. Amaninzi awo enziwe iinaliti zeVictrola. Kwaye ezo naliti zikhupha, ezixozwe kwidayimani, zikhupha umculo ogcinwe kumarekhodi.

¹⁰⁸ Kwaye ndiyathemba niyakubona endithetha kona. Ukuzozwa okuphuma kuKristu, isipho esivela kuKristu, sibekwe eBhayibhileni, sithetha iimfihlelo ezifihliweyo zikaThixo kwikholwa. Uyazazi iimfihlelo zentliziyo. Wazi wonke umntu. Niyayikholwa lonto?

Asiyi kuba yidayimane ethi, “Niyabona endikuko?” Koko iphuma kuko. Idayimane yidayimane ngokuba iyephuma kwidayimane.

¹⁰⁹ Kwaye yiloo ndlela izipho zikaMoya zikuko, u... emntwini, yinxalenye yalaDayimane. Ithunyelwe, kwaye ithotywe, yaziswa ukuba ibe sisipho, ukutolika, ukushumayela, ukufundisa. Kukho izipho ezintlanu zikamoya; abapostile,

abaprofeti, abafundisi, abelusi, abavangeli, kwaye zonke zezokusulungekisa uMzimba kaKristu. Kwaye nje ngokuqinisekileyo njengokuba kukho abefundisi, abelusi, kufanele kubekho abaprofeti. Siyakwazi oko.

¹¹⁰ Kwaye siyakholwa ukuba uThixo kufanele abonakaliswe kumhla wokugqibela, phakathi kwabantu Bakhe, kwiMbewu ekhethiweyo, ngokweBhayibhile, kwimo yomprofeti. Oko kuthe ngqo neLizwi. Hayi okokuba umntu nguThixo, kodwa isipho nguThixo. Yabona? Kwaye leyo yinaliti.

Ngoku, incam ayinakudlala kakuhle elarekhodi. Inaliti eqhelekileyo yokuthunga ayinakudlala kakuhle. Kodwa idayimani, yeyona ingcono. Iyikhupha kakuhle, inaliti etsolo yedayimani.

¹¹¹ Wanga uThixo, ngokuhlwa nje... Irekhodi lobomi bakho, nantoni na engalunganga malunga nawe, nantoni na oyinqwenelayo kuThixo, wanga uMongameli omkhulu Ophethe inaliti esandleni Sakhe, wanga Angayibeka phezu kobomi benu aze atyhile kuthi oko nilapha ngenxa yako, enikufunayo; ngoko siyakwazi ukuba Ulapha.

¹¹² Bawo waseZulwini, Ungayinikezela phambi kokuba ndiqale lo mgca wokuthandazela, ndingajonganga ekwenzeni oku, kodwa Wena ungayinikezela, ukuze abantu bazi. Mhlawumbi abangaziwayo apha abazokuthandazelwa. Andibazi bona, kodwa Wena uyabazi. Kwaye wathi uPawulos, “Ukuba nithetha ngeelwimi, kuze kungabikho toliko okanye kungabikho kusulungekiswa, abantu bayakuthi niphambene. Kodwa ukuba othile uyaprofetha aze atyhile okusentliziweni, ngoko bayakuthi, ‘Inene uThixo unani.’” Makwenzeke kwakhona, Thixo, kuleyure isemva kwexesha. Ukuthembisile, kwaye kuyakwenzeka. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

¹¹³ Ngoku andazi bangaphi abantu abagulayo apha ngobubusuku, abalapha? Okanye ingaba uBilly uwanikezile awokuthandazelwa...? Ingaba akhona amakhadi okuthandazelwa anikezelweyo? [Abazalwana bathi, “Ewe.”—Mhl.] Akhona. Kulungile, ndiyacinga wonke umntu ogulayo ufumene ikhadi lokuthandazelwa, kodwa andazi nibhale ntoni kuwo. Ndingcinga uninikeze nje ikhadi; ubhala nje oko ukufunayo kulo. Ingaba koko? Fumana nje ikhadi; ubeke kulo oko ukufunayo.

¹¹⁴ Andikwazi. Bangaphi abayaziyo apha ukuba andikwazi, kodwa noko uyagula, kwaye uyakukutsho oku, “Oko ndikuvileyo ukuthetha namhlanje, ‘UThixo emva kweemfele. UThixo emva kofele lomntu, ezigqumile Yena’”? Kodwa ukuba unamehlo omoya, ungavula umbone Yena, ubone uNgubani Yena. Kwaye uyakukholelwa oko. Wathi uYesu, “Lowo ukholwayo kuM imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye; nemikhulu kunale

uyakuyenza, ngokuba ndiya kuBawo.” Ngoku, ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke!

¹¹⁵ Bangaphi apha abagulayo, nabaziyo ukuba andinazi, andikwazi okungalunganga nani? Phakamisa nje isandla sakho, uthi, “Ndiyagula. Ndinesidingo.” Bangaphi abaneminqweno entliziweni yabo, abangaguliyo, kodwa baneminqweno? Niyazi endi...Kulungile. Akukho namnye umntu, endimbonayo, kodwa ngabo baphakamise izandla zabo. Ngoku, andazi... .

¹¹⁶ Ndiyayazi le ndoda ehleli apha. Ndiqinisekile nguMzalwana uJames, kwaye ndiyacinga nguDade uJames. UMzalwana uBen, ndiyazi. Nje ubuso benu, ngamanye amaxesha; umzalwana uthatha amafoto. Kodwa i... .

Makathi othile emva apha, naphina, nje...Ndi—ndi—ndicela umngeni oku, kwimiba, nasekuvalweni kwalo Myalezo.

¹¹⁷ Niyayazi ukuba uThixo uthembisile oku ukuba kwenzeke kwimihla yokugqibela? Wenze isithembiso. Yabona? Ngoku andinakuyenza yenzeke. Yabona, a—andinakukwenza oko. NguYe ofanele akwenze oko. Nguye Okwenzayo; hayi mna. Kodwa ndiyakholwa kuYe, okanye bendingayi kube ndime apha ndinixelela into ebendingakholelwa kuyo. Ngoku, thandazani, nithi, “Nkosi Yesu, ndifundisiwe eBhayibhileni ukuba UnguMbingeleli Omkhulu kanye ngoku, onokuchukunyiswa aze avelane nezilwelwe zethu.” Andikhathali nokuba undawoni. Kwaye nje yithi, “NdiyaKukholelwa. Kwaye, ngokholo, ndiyakholwa oko landoda ikuthethileyo namhlanje.”

¹¹⁸ Koko iNgelosi endixelele kona, “Yenza abantu bakukholelwe.” Kwaye ukuba ndixela iLizwi likaThixo, asikuko uku “kholelwa mna,” kuku “kholelwa iLizwi.”

Ukuba ayinaLizwi, ngoko sanukuyikholelwa. Kodwa ukuba niyakholelwa ukuba liLizwi, ngoko, nantoni ekuko, thandazani kwaye nikholelwe, nize nibone ukuba Usenako ukutyhila okusentliziweni yenu.

¹¹⁹ Kwaye nabani uyazi ukuba iBhayibhile itshilo, ukuba, “iLizwi likaThixo libukhali kunekrele elintlangothi-mbini, kwaye licalula iingcinga kunye neenjongo entliziweni.”

Yilondlela u-Abraham waziyo ukuba lowo yayinguThixo, xa waba nokuxela oko uSara wayekutsho emva ententeni, oko wayekucinga; xa Wathi, “Ndiyakukutyelela,” waza uSara wacinga entliziweni yakhe, “Ayinakuba njalo.”

¹²⁰ Ngoku, ndathi Ulapa ukuza kuphilisa wena. Ucinga ntoni malunga nako? Ukuba nje ubuyakukholwa! Ngoku, andinakho, andinandlela ithile; uBawo waseZulwini uyayazi lonto. Yabona? Kufanele nje ndikubone oko. Kwaye oko ndikubonayo, ndiyakutsho; kwaye oko ndi—ndingakuboniyo, kakade, andinakukutsho. Kodwa Yena nguThixo omkhulu!

Ingaba oko kuyakongeza ukholo lwakho, ukuba Uyakuyeza lonto?

Ukushumayela ngolwahlobo, kundilahlela phaya kancinci. Kodwa Yena ulapha. Ndiyakuqonda oko.

¹²¹ Ndjonge indoda njengoko ithobe intloko yayo, kanye emva *apha*. Umfazi wayo ehleli ecaleni layo, ethandaza, naye. Kanye *apha*. Unento ethile entliziyweni yakho. Umfazi wakho, ethandaza. Unomthwalo entliziyweni yakho. Ungomama-zala wakho. Injalo lonto. Uyakholwa uThixo angandixeleva yintoni engalunganga nomama-zala wakho? Andikwazi. Asazani. Ke oko kunjalo? Uyakholwa ukuba uThixo angandixeleva yintoni engalunganga ngaye? Akakho apha. Ndibona umgama omkhulu; usempuma ukusuka apha. Use-Ohio. Injalo lonto. Ugula ngemeko yegazi. Nika umfazi wakho ase latshefu phaya, alilela kuyo, ayibeke kuye. Sukuthandabuza; uyakuphila. Uyayikholelwa lonto?

¹²² Naku kukho inenekazi elincinci lihleli apha phambi kwam. Liyalila. Kuko into engalunganga malunga nomntwana, andiyazi. . . Hayi, akukho nto ingalunganga. Unomnqweno nje. Unqwenela ukwamkela ubhaptizo loMoya oyiNgewe. Lowo ngu ITSHO INKOSI. Kholelwa, mntwana, uzakulufumana Lona. Injalo lonto. Sukuthandabuza.

¹²³ Naku kuhleli inenekazi apha ngasekugqibeleni komgca. Liyathandaza. Ndingongaziwayo kulo, kodwa usityekelwe. Ubunotyando. Ukuba asazani, ndiyaqikelela. Andikwazi. Akundazi, kuphela nje mhlawumbi ukuya ngam. Akungowalapha. Ungumhambi phakathi kwethu. Usuka eWisconsin. Isixeko yiMilwaukee. Kwaye ingxaki yakho ngumhlaza; usebeleni. Utyando emva kotyando, noko ngaphandle kwempumelelo. Vumela ukholo, olwachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, kholelwa kanye ngoku. Yizikise entliziyweni yakho; iyakwenzeka. Yiba nokholo!

¹²⁴ Indoda ihleli ngapha ekoneni. Ithandazela umama wayo. Ayaziwa ndim. Andiyazi. Kodwa ithandazela umama wayo. Kwaye umama wayo unento ekwanye lo mfazi anayo, umhlaza. Okanye, woyikisela wona, ntoleyo iyiyo. Kukho indoda oyithandazelayo, kwaye laa ndoda inengxaki nomqolo wayo. Nayo, kananjalo, ndiyibona inxilile. Iinxila. Umntwakwenu. Akungowalapha. Usuka e-Illinois. Uyakholwa ukuba uThixo angandixeleva ngubani igama lakho? Farmer. Ingaba injalo? Phakamisa isandla sakho. Kholwa!

¹²⁵ Kukho umntu oguqa phezu komnye, ethandaza, umntu othile ulele kumandlalo. Kulungile. Uyakholwa oko ukuvileyo, kuyiNyaniso, nenekazi? Uyakholwa. Ukuba ndingakuphilisa, bendiyakuza ndikuphilise. Kodwa sewaphiliswa nguKristu, uyabona. Kufanele nje uyikholelwe. Ela nenekazi limi phaya, lithandaza, belithandazela wena ukuba uchukunywisa.

Andikwazi, kodwa uThixo uyakwazi. Usuka ngaphandle kwedolophu, nawe. Injalo lonto. Usuka e-Illinois. Injalo ngqo. Isixeko sibizwa East Moline, Illinois. [Udade uthi, “Eso sisixeko endazalelwa kuso.”—Mhl.] Ugula ngumhlaza. Ungumfazi womlungiseleli. Uyakholwa? [“Ewe.”] Uyakufa, ulele apho. Kutheni ungamamkeli Yena ngobubusuku, uze uthi, “Ndinakho, entliziyweni yam, ngokholo lwam ngaphezu kwento yonke elapha, ndiyakholwa ukuba ndiphilisiwe. NdiseBukhoneni bukaThixo.” Phakama, kholwa, ugoduke uphiliswe. Nankuya.

Nikholwa ngeentliziyu zenu zonke? [IBandla liyavuya—Mhl.] Masidumise uThixo.

¹²⁶ Bawo waseZulwini, siyabulela Kuwe ngako konke ukulunga nenceba Yakho. Sibulela Wena, kuba, Uselapha, kanye phakathi kwayo yonke lengxaki. Kweli hlabathi ligqwethekileyo, nangona kunjalo Ulapa. Yenza uMoya Wakho, Nkosi, usoloko uhleli kunye nathi. Siyabona ukuba Wena ulapha, uThixo onofele, ezintliziyweni zabantu; enika ukholo, nesityhilelo, nombono. UnguThixo eBandleni Lakho, uThixo ebantwini Bakho. Sibulela Wena ngoku, Nkosi. Kwaye wanga wonke umntu angakholwa, ngobubusuku, ngamxhelo mnye, kwaye banga bangaphiliswa. NgeGama lika Yesu Kristu, ndiyathandaza. Amen.

¹²⁷ Bangaphi khona ngaphaya abanamakhadi okuthandazelwa, kwela cala? Mabathi abaya bakwela cala, babuye umva, baze kanye embindini walomgca. Bona abakula mgca, baphume baze ngale ndlela, thabatha nje indawo yakho, beze kanye ngale ndlela. Mabathi abaya, kwamsinya begqiba, lo mgca uthatha icala elilandelayo.

¹²⁸ Badala yizani apha. Mzalwana uRoy, iNkosi ikusikelele; andazanga ukuba uhleli phaya. Ndifuna amadikoni ebandla apha ngokukhawuleza, ukuba angakwazi ukuza naphi apho akhoyo. Yizani apha ngoncedo oluncinci.

Ndifuna mntu ngamnye ozakuthandazelwa, phakamisa isandla sakho, yitsho oku emva kwam.

Nkosi, [IBandla lithi, “Nkosi,”—Mhl.] Ndiyakholwa. [“Ndiyakholwa.”] Nceda ukungakholwa kwam Wena. [“Nceda ukungakholwa kwam Wena.”] Ndiyakholwa [“Ndiyakholwa”] ukuba eBukhoneni Bakho, [“ukuba eBukhoneni Bakho,”] njengoko ndilandela iLizwi Lakho, [“njengoko ndilandela iLizwi Lakho,”] nezam...izandla zibekwe phezu kwam ngobubusuku, [“nezandla zibekwe phezu kwam ngobubusuku,”] ndizakwamkela impiliso yam, [“ndizakwamkela impiliso yam,”] eGameni likaYesu. [“eGameni likaYesu.”] Amen. [“Amen.”] UThixo anisikelele.

¹²⁹ Ngoku qaphela. “Umthandazo wokholo uyakuphilisa ogulayo. Ukuba bathe babeka izandla zabo kogulayo, bayakuphila.” Waxelela uNowa ukuba izakuna. Ayizange—

Akazange... Andikhange ndithi, “Kwamsinya—kwamsinya uthandazelwe, uzakuphila.” Uthe, “Bayakuphila.”

¹³⁰ Waxelela uNowa ukuba izakuna. Zange ine ikhulu elinamashumi amabini eminyaka, kodwa yana.

Waxelela u-Abraham ukuba wayezakuba nomntwana ngoSara. Zange yenzeke amashumi amabini anesihlanu eminyaka, kodwa wabanaye.

Waxelela u-Isaya ukuba intombi izakumitha. Zange yenzeka amakhulu asibhozo eminyaka, kodwa yamitha.

Ingaba injalo? Wayithembisa! Akukhathaliseki ukuba ithatha ixesha elingakanani, Uyayenza, nakanjani. Kholwani oko.

¹³¹ Yiza ngaphambili ngoku. UMzalwana uCapps makakhokele umculo. Uyakuhambisa amakhadi? Ngoku makabe semthandazweni wonke umntu ngoku.

¹³² Bawo wethu waseZulwini, sizakuthobela imithetho Yakho ngokubeka izandla zethu phezu kwaba bantu bagulayo. Andazi nanye into engenye Onokuyenza, Nkosi, kuba Utshilo, eLizwini Lakho, Uthenge impiliso yabo. Ukubonakalisile ukuba Ulapha kunye nathi ngobubusuku, iLizwi elinokucalula iingcingane ezisentliziweni. Ukubonakalisile oko, ukuba Uphakathi kwethu. Kwaye ndiyathandaza, kuWe, Bawo, okokuba iLizwi Lakho, elingenakusilela, liyakwenziwa libe yinene entliziweni nganye! Ukuba Wena utshilo, “Ukuba ungayikholelwa; sukuthandabuza, kodwa yikholwe; yithi kule ntaba, ‘Funquka,’ kwaye ungathandabuzi, kodwa ukholwe ukuba iyakwenzeka!” Akatshongo nini.

¹³³ Ubaxelele abantu, ngePentekoste, ukuba banyukele phaya balinde. Zange uthi iiyure, iintsuku; Uthe, “kude.” Ngoku bayeza ukuze kwamkela impiliso yabo. Banga bangangacingi nangenye into ngaphandle kokuba baphilisiwe, kude ukukhululwa kufike. Siyakuthobela Wena ngokubeka izandla, phezu kwabo, njengamakholwa. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

¹³⁴ Kulungile, yiza kanye ngoku. [UMzalwana uBranham nabazalwana babeka izandla ebantwini, bathandazela umntu ngamnye kungca wokuthandazela. Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.] Uphilisiwe. UThixo akusikelele. Hamba uqhubeke. Ilungile lonto!...?... [Indawo engenanto ekhasethini.]

Zonke izinto zinakho ukwenzeka, kholwa kuphela;
Kholwa kuphela, kholwa kuphela,
Zonke...

Nkosi Yesu, ndiyathandaza ngezitshefu ngoku, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Andazi nokuba singawaguqula na amagama:

Ngoku ndiyakholwa, kungoku ndiyakholwa,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, ngoku
ndiyakholwa;
Ngoku ndiyakholwa, ngoku ndiyakholwa,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, ngoku
ndiyakholwa.

¹³⁵ Uyakholelwa ukuba oko kuceliweyo nokunqwenelweyo kuyakunikezwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Iyakwenzeka.

¹³⁶ Ndibona, kugqitha emgceni kwimizuzu embalwa egqithileyo, abanye babahlobo bam bamaTaliyane ase-Chicago. Bangaphi abamaziyo uDade uBottazzi waseChicago? Kulungile, uyazi, ubene—ingqondo, ukuphazamiseka ngophakuzela nje kwixeshana eligqithileyo, okubi kakhulu, kakhulu. Kodwa ngentsasa eChicago kwisidlo sakusasa seChristian Business Men, ndamxelela udade, phantsi kwentambiso kaMoya oyiNgcwele. Weza kwelinye icala, kwaye wayengenako nakukwazi ukuzibamba. Ndaza ndathi, “Dade, akuyi kuba ngolungileyo kwangoko, kodwa uzakuphila.” Ndathi, “Iyakuba mhlawumbi lishumi elinesibhozo leenyanga, okanye iminyaka emibini, phakathi kanye koko uyakuphiliswa.”

¹³⁷ Ngenye imini ngelixa ndandithetha naye... ndamva engqina, evuya kakhulu, olona vuyo awakhe wakulo kubomi bakhe bonke. Wayekhwele imoto. Wayengenaxolo, uBukhona bukaThixo babukhangeleka bumshiyile; kakade, umthambo-luvo wengqondo, uyazi; kwaye ngequbuliso yabuyela ngokuthululelwa ngovuyo okukhulu, namandla kaMoya oyiNgcwele wawuphezu kwakhe. Wagixa, walila, waye—wayene... Babenexesha nje elimnandi, malunga nezintathu okanye ezine iiveki ezigqithileyo, okanye inyanga. Kwaye ndamva engqina, iCawa phambi kwegqithileyo, waza wathi, “Mzalwana uBranham, xa ndandibuya, ndiyiphawule ndaza ndayithatha la teyiphu. Kwaye kwakuzinyanga ezilishumi elinesibhozo ngqo, ukuya kumhla.” Amen.

Ingaba niyamthanda Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akamangalisi na? [“Amen.”]

¹³⁸ Ngoku, uMoya oyiNgcwele okwamnye ongaqikelela ngokuchanekileyo, ngaphandle kokuphosa nexesha elinye, yonke le minyaka; kwaye, ngeLizwi Lakhe, uzamile ukutyhila kuni namhlanje ukuba uThixo akayonto ethile ekude okanye yembali ethile. Uyaphila, kwixesha elikhoyo, iLizwi Lakhe libonakalisiwe. Uzifihle Yena kwisigqubuthelo somntu, eBandleni lakhe, Ezityhila ngokholo lwakho nokholo lwam, ngokuhlangeneyo, sihlangani, sisenza ubunye bukaThixo. Andinakwenza nto ngaphandle kwakho; akunakwenza nto ngaphandle kwam; singenakwenza nto ngaphandle koThixo. Ke, ngokuhlangeneyo yenza ubunye, uqhagamshelwano.

UThixo undithumelele ngenjongo; niyayikholelwa; kwaye nantso isenzeka. Yilonto nje kuphela, yabona, iqinisekisiwe ngokugqibeleleyo.

Andikhathali yintoni engalunganga malunga nani, yintoni ubani ayithethileyo; ukuba, ngokusuka entliziyweni yakho, uyakholwa ukuba uzakuphila, akukho nto enokuyithintela lonto. Watsho njalo. Kwaye Wathi, “Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa iLizwi Lam aliyikusilela.” Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹³⁹ Bangaphi abayakundithandazela kweminye imihlangano njengoko ndihamba? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndingulowo udinga umthandazo. Yabona? Wonke umntu undilahlele, yabona, kodwa nina, kwaye noko kusekho iMbewu phadle phaya.

¹⁴⁰ Ndithumele ileta eMzantsi Afrika. Abandivumeli ndingene ngaphandle kokuba ndityikitye iphepha lokuba ndi “yakubhaptiza, ngaphaya kweliya icala, wonke umntu amatyeli amathathu; elinye kuYise, elinye kuNyana, kunye nakuMoya oyiNgcwele, ubuso bujonge ngaphambili. Kwelinye icala, ndibhaptize ejonge ngasemva, kanye kuYise... Kwaye ndifundise ukuba oko yiMfundiso.”

Ndibabhalele ileta. Ndathi, “UMoya oyiNgcwele ebezama, kwiminyaka embalwa egqithileyo, ukundingenisa e-Afrika kwakhona. Ufuna ukusebenzisa ulungiselelo lwam apho amashumi amathathu amawaka amkela uKristu ngemva kwemini enye.” Ndathi, “Khumbulani, igazi lalo miphefumlo malibe phezu kwenu, hayi phezu kwam. Ndivumile ukuza, kodwa anifuni.”

Andazi iyakuba yintoni ngalo mhla xa uYesu, uNyana kaThixo egxothiwe ebandleni, iLizwi lichasiwe? Kodwa kuko—kuko konke okuya, Usazazisa Yena ebantwini Bakhe. Aninambulelo ngalonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁴¹ Kwaye ndigqithile, ngobubusuku, ndabeka izandla zam phezu kwabo, abathile abagugileyo abafazi, abanye batsha, abanye badala, abafana abasebatsha, amadoda amadala, bemanzi tixi njengam. Ndacinga, “Behleli phaya, behleli phaya bemamele eLizwini elithi lonke ihlabathi licinge ukuba liphambene.” Yabona? Ba—bayibholithi. Yabona, uThixo ulapha ukuze ayiqoqe, akutsalele kanye ngaphandle kokugula kwakho. Sisithembiso seLizwi. Khumbula nje, iyakuqalisa ukuqinisa, “Ndiyakubatsala; ukuba Ndiyakuphakanyiselwa phezu, Ndiyakubatsala.” Uyakuyitsalela ngaphandle kuwe. Ngenene Uyakuyenza. Mkholelwe nje wena Yena, yiba nokholo kuYe. Sukumthandabuza Yena. Mkholelwe Yena.

¹⁴² Ndithandazeleni. Xa ningenamntu wokumthandazela, ndikhumbuleni.

Size ngoko side sihlangani! de sihlangani!

Side sihlangane . . .

Enkosi ngokuza ngezondlela zinde. UThixo anikhusele njengoko ningoduka!.

Side si . . .

Bulisa onke amaKristu, bakhahlele, kweliqela apha. Uxolo lukaThixo phezu kwenu! Shalom!

UThixo abe nani de sibuye sihlangane!

[UMzalwana uBranham uyaqalisa ukungqumshela *UThixo Abe Nani—Mhl.*]

. . .side sibuye sihlangane!

. . .ezinyaweni zikaYesu;

Side sibuye sihlangane! side sibuye sihlangane!

UThixo abe nani side sibuye sihlangane!

¹⁴³ Ndivuya kakhulu. Niyabona, kukho abanye, izinto ezininzi andizazi, kodwa kukho izinto endizaziyo. Ndinombulelo kakhulu ngani. Ndivuya kakhulu ukubandakanywa nani. Ndivuya kakhulu ukuba ngomnye wenu. UThixo abe nani. Uyakuyenza. Akasayi kunishiya. Akayi kuniyekela. Akasayi kunishiya. Nigqibile ukugqobhoza niphumele ngaphaya kwekhuselo ngoku. Yabona?

¹⁴⁴ Ndivuya kakhulu ngobubusuku ukubona uMzalwana uPalmer, omnye umalusi ongumncedisi wethu, osuka eGeorgia. UMzalwana uJunior Jackson usesakhiweni ndaweni ithile, emva ekeneni, siyavuya ukuba naye. UMzalwana uDon uRuddell ehleli khona ngapha. Owu, abaninzi! Andazi, ukuba ndiphose nawuphi umntu. . .UMzalwana uBen Bryant apha, nabaninzi babanye apha, umzalwana olungileyo, uWillard Collins. Sivuya kakhulu ukuba nani nonke apha.

Andazi ukuba asinakuma nje ngenyawo zethu, nje umzuzu ngoku. Masithobise iintloko zethu ngoku.

Side sibuye sihlangane!

Side sihlangane ezinyaweni zikaYesu; side sibuye sihlangane!

. . .side sibuye sihlangane!

UThixo abenani side sibuye sihlangane.

¹⁴⁵ Niyakuva okwakusondelelana kobudlelwane noMoya?

Masiyingqumshela. [UMzalwana uBranham nerhamente baqalisa ukungqumshela *uThixo Abe Nani—Mhl.*]

Ndiqaphele uMzalwana uMcKinney, osuka e-Ohio, ekunye nathi. UMzalwana uJohn Martin nomntakwabo. Ndivuya kakhulu ukuba nani nonke. Ndinganganiboni, bazalwana. Uyanazi Yena.

Side sibuye sihlangane! Yanga intliziyo yam neyenu, nentliziyo kaThixo, ibenye side sibuye sihlangane! [UMzalwana

uBranham nerhamente bayaqhubeka bengqumshela u*Thixo Abe Nani*—Mhl.]

(Ndingathanda ukucela umntu othile andulule . . . ? . . .)

Ngelixa sithobise iintloko zethu ngoku ngomthandazo.

¹⁴⁶ Ndizama ukwazisa wonke umlungiseleli ukuba siyavuya ngokuba lapha kwabo, onke amarhamente, nina abantu baseTennessee, e-Ohio, nasekunqumlezeni isizwe. Abanye abafazi endidibene nabo ngapha namhlanje, yonke indlela ukusuka eBoston. Abazalwana bethu abantsundu bebelapha, ngale ntsasa, besuka phezulu khona phaya nabo. Abaninzi abasuka kwiindawo ezohlukeneyo zelizwe; ndiyanibulela, mhlobo wam othembekileyo. U*Thixo* abe nawe. Ndikubiza mhlobo wam. Khumbulani oko wakuthethayo uYesu malunga noko? “Usondele kakhulu kunomzalwana,” ehe, umhlobo. Ngelixa sithobise iintloko zethu ngoku . . . Side sihlangane kwakhona kwiintsuku ezimbalwa ezizayo, u*Thixo* abe nani.

¹⁴⁷ Ndizakucela owethu olungileyo, othembekileyo umzalwana, umzalwana uRichard Blair, ukuba akanakusinqumamisa ngelizwi lomthandazo. Mzalwana uBlair.



ONGAQHELEKANGA XHO64-0614E
(The Oddball)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa lwangeCawa, ngo-Juni we-14, ngowe 1964, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org